Kwenzeka ntoni ukuba imitha ebala amanzi yam ayisebenzi ngokufanelekileyo?

ISixeko saseKapa sineemitha zokubala amanzi ezingaphezulu kwama-590 000 kwaye ukuba imitha yakho ayisebenzi kakuhle ingalungiswa ngaphandle kweendleko kuwe kwaye olu lungiso lwenziwa rhoqo kunyaka lo wonke.

Kodwa ndithethe nommelwane wam onesitiya esingaphezulu kwesam kodwa i-akhawunti yakhe ingaphantsi kakhulu kule yam.

Ukuzithelekisa nabanye abantu akunasiseko nabungqina bubambekayo nanjengoko umntu ngamnye ohlukile komnye kwaye neendlela zokusebenzisa amanzi zahlukile. Umz. Abantu ababini abazinkcenkcesheli ngokufanayo nangokulinganayo izitiya zabo. Omnye uthabatha ixesha elide kunelomnye, omnye ankcenkceshele rhoqo kunomnye. Ngokwenza umzekelo ophuhlileyo, oku kungavavanywa kakuhle xa kunokuthatyathwa amanani eemitha zeepropati ezi-4 nalapho kuya kunkcenkceshelwa ka-3 nangaphezulu ngaxeshanye kangangesithuba seveki. Unganomothuko omkhulu ukufumanisa umahluko oya kubakho kusetyenziso lwamanzi kwezi propati zahlukeneyo. Okubalulekileyo ukuba wazi ukuba asetyenziswa kangakanani amanzi kwindlu yakho. Musa ukuthelekisa i-akhawunti yakho yamanzi naleyo yomhlobo wakho ohlala kwesinye isixeko. Abasebenzi babanye oomasipala banganomohluko kwaye nee-akhawunti ziba zezamaxesha ohlukeneyo.

Kungakho impazamo ekubalweni kwe-akhawunti yam?

Ukuba ukusetyenziswa kamanzi kungokuqhelekileyo, ukubalwa kwamanzi asetyenzisiweyo kuchanekile kwaye ukufunda kamanani akwimitha nako kuchanekile, kungenzeka ngempazamo ukuba ukudityaniswa kwamanani xa kusenziwa i-akhawunti kube nempazamo. Unelungelo lokutsalela ezi nombolo zomnxeba 0860 103 089 ukubuza ngokusebenzisa amanzi nabaya kujonga i-akhawunti yakho yamanzi.

Ndingawangenisa amanani emitha yobalo lwamanzi ndisebenzisa umnxeba?

Ewe - ungakwenza oko ngokutsalela iziko lotsalelo-ncedo kwezi nombolo **0860 103 089.**

Ukuba i-akhawunti yam iphezulu kodwa andifumani ncedo lufanelekielyo ngayo, ndingenza ntoni?

Fumana iinombolo zomnxeba zikamasipala kwi-akhawunti yakho uze uqhagamshelane neSebe lezeziMali ngenxa yazi zizathu kuphela:

1. Ukuba usetyenziso lwamanzi kwakho oluphezulu luqinisekisi we kwaye ufuna ukuthethathethana ngokuhlawula le akhawunti.
2. Ukuba imali sele ihlawulwe kodwa ayiveli kwi-akhawunti yakho
3. Ukuba uhlawuliswa inzala kodwa unesizathu ezibambekayo sokufuna kurhoxiswe loonzala

Ndingazi njani ukuba ndisebenzise amanzi angakanani?

Le tshati ilandelayo ingasetyenziswa njengesikhokelo sokuba amanzi kumzi wakho aya phi kwaye wonga njani

Amanzi ayaphi emzini wakho?

Umyinge ophakathi wosetyenziso wamanzi kumzi onabantu aba-4 abahlala kuwo.

Indawo	Ukungongiwa kwamanzi Usapho	Ukongiwa kwamanzi Usapho
Ibhafu	2 x 150mm ubunzulu 180 l ngamnye	2 x 100mm ubunzulu 90 l ngamnye
Ishawa	2 iishawa 12 l /ngomzuzu 60 l ngemizizi emi- 5 ngamnye	2 iishawa 6 l /ngomzuzu 24 l ngemizuzu emi-4 ngamnye (vala itepu ngelixa ufaka isephu)
Isitya	Amanzi asetyenziswa ngokungenankathalo 30l	Asetyenziswa ngokungenankathalo 20l
Indlu yangasese	6 ukugungxula ko mntu ngosuku 9l itanki 216l	4 ukugungxula komntu ngosuku 9l itanki 112 l
Umshini wokuhlamba impahla	5 x ngeveki x110l = 550l	4 x ngeveki x110l = 440l
ukuhlamba	Impahla, imingangatho, iifestile & okunye20 l	Ukusebenzisa ngokonga 15 l
Ukupheka & ukusela	15 l	15 l
Ukuhlamba izitya	Isinki ezaliswe ngamanzi 40 l	Ukusebenzisa ngokonga xesha ngalinye 30 l
Ewonke	939 l	530 l
	Kulingana 235 l Ngomntu ngamnye ngosuku	Kulingana 132 l ko umntu ngamnye ngosuku

Le tafile ingentla ayiquki usetyenziso esitiyeni.

ISHICILELWE NGOMATSHI 2006

CITY OF CAPE TOWN | ISIXEKO SASEKAPA | STAD KAAPSTAD

ESI SIXEKO SISEBENZELA WENA

Ukonga amanzi indlela yobomi

Kutheni i-akhawunti yam yamanzi iphezulu?

YONGA

Yonga amanzi ethu.
Yonga isixeko sethu.

Ukonga amanzi indlela yobomi

Kule mihla apho wonke ubani ophantsi konxinizelelo lwezimali olukhulu kunangaphambili, wova abasebenzi bamanzi besithi; "Ndikwankqiswe yi-akhawunti yam yamnzi", "le akhawunti ayinyanisekanga", "i-akhawunti yam ayizange ibe ngaphezu kwama-R200." njalo njalo.

Kubalulekile ukuba abasebenzisi bamanzi bakuqonde ukuba basebenzise amanzi angakanani na kwipropati yabo kwaye abakhalazeli i-akhawunti ephezulu nje kuba intlawulo ingaphezulu kuleyo bebeyilindele.

Kukho izizathu ezininzi ezingabangela ukuba i-akhawunti yam ibe phezulu. Makhe siqwalasele isizathu ngasinye ngokulandelelanayo.

Kungenxa yokusebenzisa amanzi kakhulu?

Xa abasebenzisi bamanzi befumana i-akhawunti yamanzi asetyenziswe ngomjikelo wexesha lasehlotyeni, i-akhawunti asayikhumbulayo yeyexesha apho bekubanda kwaye kumanzi ngako oko kungasetyenziswa manzi amaninzi. Basoloko bengakholelwa xa bexelelwa ukuba ukunyuka kweentlawulo okwenziwe kulo nyaka kuphantse kufane twatsa nokunyuka kwentlawulo yamanzi kunyaka ophelileyo nababekukhalazele kulo nyaka uphelileyo.

Kumele ukuba abantu bakhumbule ukuba i-akhawunti yakhe umntu ephawulwe "Usetyenziso lwaseKhaya", iintlawulo zayo zibalwa ngokwezinga elehlayo, injongo ephambili ikukukhuthaza abasebenzisi bamanzi ukuba bonge balolonge amanzi.

Umzekelo, izinga lokuthotywa kweentlawulo elikhoyo (ngo-2005/2006 kungaqukwanga iRhafu-ntengo) elisebenzayo kwiSixeko saseKapa lelo lokuba isi-6 seekhilolitha (kl) zamanzi azihlawulelwa. Ngezi-6 iikhilolitha ezilandelayo uhlawula i-R2.28 ngekhilolitha. Ngezi-8 iikhilolitha ezilandelayo uhlawula i-R4.56 ngekhilolitha, ngezingama-20 iikhilolitha ezilandelayo uhlawula i-R5.81 ngekhilolitha, ngezingama-20 iikhilolitha ezilandelayo uhlawula i-R7.07 ngekhilolitha uze ngosetyenziso lwamanzi olungaphezulu kweekhilolitha ezingama-60 ngenyanga uhlawule i-R9.12 ngekhilolitha.

Mhlawumbi kuya kucaca ngoku ukuba kutheni kuba nomahluko omkhulu kwi-akhawunti yasebusika neyasehlotyeni ngakumbi kwiipropati apho izitiya zinkcenkceshela kakhulu kunokuba umnini eqaphela.

Iintlawulo zogutyulo lwelindle zihlawuliswa ngokuxhomekeke kusetyenziso lwamanzi. Kwimeko apho usetyenziso lukwizinga eliphezulu, kuhlawuliswa ukuya kuma-28 eekhilolitha zamanzi ogutyulo lwelindle ngepropati ekwindawo yokuhlala nganye.

Ingaba ufakele ichibi lokuqubha, isixokelelwano senkqubo yokunkcenkceshela okanye wandisile emzini wakho? Ezi zinto zingakwandisa ukusetyenziswa kwamanzi ukuba azilawulwa ngendlela efanelekileyo.

Ukuba ukholelwa ekubeni i-akhawunti yakho yamanzi ephezulu ayibangelwa kukusetyenziswa kwamanzi kakhulu, oku kulandelayo kungaphandwa.

Ingaba lunxinizelelo oluphezulu?

Unxinizelelo kuthungelwano logutyulo lwelindle luhlala lukho, kodwa ukuba olu nxinizelelo lucutha amandla kwizivalo zeesilinda zamanzi ashushu oko kuya kubangela ukuvuza okungena kuqapheleka kumjelo ngokudlula kumbhobho wesivalo.

Iiwasha zeetepu ezonakeleyo zivuza ngokukwizinga eliphezulu ngenxa yonxinezelelo oluphezulu nokuba negalelo kwii-akhawunti eziphezulu.

Kubalulekile ukwazi ukuba ukuntywina imibhobho yamanzi emva kokufakwa kwemitha ebalayo luxanduva lwakho kwaye kufuneka inonotshelwe ngumnini-propati.

Khumbula ukuthontsiza kwamanzi ngokukhawulezayo de azalise inkonxa eziimililitha ezingama-340 ngomzuzu om-1 kuya kongeza iikhilolitha ezi-14 kwi-akhawunti yakho ngenyanga. Ngokweyona ntlawulo iphezulu iya kuba li-R145.56 kuqukwa iRhafu-ntengo.

Ndingafumana njani ukuba i-akhawunti yam ephezulu yenzeka ngenxa yokuvuza?

Qinisekisa ukuba zonke iitepu zivaliwe kwaye akukho manzi asetyenziswayo. Linda kangangesiqingatha seyure ukwenzela ukuba amatanki amanzi okanye igiza izale uze emva koko ugade imitha ebala amanzi ukuba iyabala na. Ukuba iyabala, oko kuthetha ukuba amanzi abaleka nje kwaye kudla ngokuthetha ukuba kunendawo evuzayo, amaxesha amaninzi iba ngaphantsi komhlaba.

Ukuba kuthe kanti imitha ebala amanzi yakwakho ivaleleke phantsi kwesigqubuthelo esithile okanye indledlana yenyawo, ungacela uMhloli waManzi okwisiThili sakho ukuba akwenzele olu vavanyo, kwaye akunike iingcebiso ngeengxaki ezimalunga nemibhobho yamanzi.

Ukuba iindawo ezivuzayo zifunyenwe, umntywini-mibhobho oqeqeshiweyo kufuneka alungise lo monakalo ngaphandle kokuba izinto ezifuna ukulungiswa zizinto ezingafuni buchwepheshe bungako njengokutshintsha iiwasha.

Ingaba imitha ebalayo ingabala ngokungachanekanga?

Ngokuqinisekileyo, ngenxa yeempazamo zomntu. Ukanti ikhompyutha ingakubonakalisa oku kusetyenziswa ngezinga eliphezulu kwamanzi kube kugabadele kwimeko yesiqhelo ngelo xesha kwaye oku kungaphandwa ngokufanelekileyo.

Ukuba iziphumo zobalo lwamanzi asetyenzisiweyo ngemitha yobalo zibonakalisa ukuba uhlawuliswe kakhulu okanye kancinane ngamanzi owasebenzisileyo, oku kuya kulungelelaniswa kwintlawulo ye-akhawunti elandelayo.

Ingaba imitha ebalayo yechanekileyo?

Ukuchaneka kweemitha ezibala amanzi nezisebenza kwiindwo zikaMasipala zithobela imithetho emiselweyo kwaye zinephawu lukaSABS ukuqinisekisa ukuba ziphunyeziwe kwaye zingqamene nemingangatho emiselweyo yenkcaneko.

Imitha yokubala amanzi sisixhobo esizibalelayo. Usetyenziso oluqhelekielyo lukhokelela ekubeni izixhobo ezithile ngaphakathi kuyo zonakale, nokwenza ukuba emva kweminyaka yonakale kwaye oko konakala kukhokela ekubeni uhambe ngokucothayo kwaye ibhalise ngaphantsi komyinge osetyenzisiweyo wamanzi. Oku kuthetha ukuba ukuba usebenzise iilitha ezili-100 ize yona imitha ibhalise iilitha ezingama-95 eelitha (imitha yokubala amanzi icotha ngesi-5%). Khumbula ukuba ummelwane lo uqathanisa naye i-akhawunti kungenzeka ukuba i-akhawunti yakhe incinane nje yenziwa kukuba imitha yakhe ibhalisa ngaphantsi kwamanzi awasebenzisayo. Kunzima kakhulu ukuba imitha ebala amanzi ingabhalisa ngaphezulu kwamanzi asetyenzisiweyo. Ukanti, ukuba nawuphi na umsebenzisi-manzi akanelisekanga ngumyinge wamanzi ahlawuliswa ngawo, ngokwenzeka amalungiselelo oko kuphela kwaye kuhlawulwe umrhumo omiselweyo, imitha yokubala amanzi ingavavanywa kwindawo zokukhanda zikaMasipala.

Imitha entsha ifakelwe kwaye kusasale ukuba kumiselwe ukuba imitha endala ichanekile na.

Ingaba ukusebenzisa kwam amanzi kuqikelelwe ngokugabadeleyo na?

Ukuba imitha ayinakufundwa ngenxa yesizathu esinjengokuba iheke yepropati itshixiwe, ukusetyenziswa kamanzi kwelixa kuya kuthelekiswa nokusetyenziswa kwamanzi kwangaxeshanye kunyaka ophelileyo.